





UKhaya ufuna
ukubheqa
Le ncwadi yeka









bookdash.org

Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative volunteers to create new African storybooks that anyone can freely print, translate and distribute. Then we work with partners to give those books to preschool children to own.

To find out more, and to download beautiful, open-licensed, print-ready books, visit bookdash.org.

UKhaya ufuna ukubheqa

(Khaya Wants to Row)

Illustrated by Maria Lebedeva

Written by Zandile Mnisi

Designed by Wilna Combrinck

Translated by Sindiswa Mbokodi

with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 20 September 2025.

ISBN: 978-1-997425-44-1

Typeset in Lato

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence

(<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>).

You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use. No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.





UKhaya ufuna ukubheqa

Maria Lebedeva

Zandile Mnisi

Wilna Combrinck








UKhaya uhlala kwilokishi
yaseJoza noMakhulu uLucy
noTat' omkhulu uMajozi.
Umama wakhe usebenza kude
kakhulu eKapa.







Rhoqo kusasa, uKhaya utya isidudu
noMakhulu esitupini. Iketile iyatsholoza
esitovini separafini. Ilanga likhanya
phezu kweJoza.

“Makhulu, ndibalisele ibali!”

utsho uKhaya.





UMakhulu uyancuma. Umbalisela amabali
emilambo namaphupha.

“Khaya,” utsho, “xa ukhulile womelele,






“Ungayiyo nantoni na oyifuna”

UKhaya uyancuma anqwale.



Ngomnye uMgqibelo, uTat' omkhulu uvula
umabonakude. Ababheqi batshebeleza
phezu kwamanzi.





“Tat’ omkhulu!

“Benza ntoni?” uyabuza uKhaya.

“Bayabheqa ngamaphini, nyana wam,” utsho uTat’ omkhulu.







UKhaya uqhwaba izandla.

“Owu tana!

Nam ndifuna
ukubheqa!”

Uyacula,

“Ndifuna ukubheqa
isikhephe,
Ndifuna ukubheqa
isikhephe!”





UTat' omkhulu ucula naye,

“UKhaya ufuna ukubheqa,
UKhaya ufuna ukubheqa!





Ukubheqa isikhophe ngephini.

Ukubheqa isikhophe ngephini.”


UMakhulu uyahleka
aze angenelele.





Ukusuka ngaloo mini, uKhaya
udlala ezadungeni, uzoba izikhephe
esantini, aze akhe izikhephe
zokudlala ngezinto ezilahliweyo.









Ngenye intsasa, uTat' omkhulu
uvusa uKhaya kwangoko.

**“Yiza Mzukulwana,
ndinesimangaliso.”**

UKhaya uyalungisa.
Olu suku luvakala lukhethekile.




Bakhwela iteksi baye eCawa.





Kumlambo iCawa, izikhephe zimi ngomgca.





Ababheqi balungile namaphini abo.
“Yho, Tat’ omkhulu!
Yile ndawo abantu babheqa kuyo!” uKhaya uyakhwaza.





Ubukela izikhephe zibaleka ngokukhawuleza emanzini.
Uwangawangisela ababheqi aze afote nomnye wabo.








Ekupheleni kosuku, uKhaya wanga
uTat' omkhulu.

**“Enkosi, Tat' omkhulu.
Ugqwesile!”**

“Ngenye imini, Khaya,” utsho uTat' omkhulu,
“uya kubheqa isikhephe njengentshatsheli.”





UKhaya uyancuma aze asebeze,

“UKhaya ufuna ukubheqa, ukubheqa.
UKhaya ufuna ukubheqa.





Abheqe isikhephe ngephini.
Abheqe isikhephe ngephini!”



